



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

## **ISIGABA ESIPHEZULU**

**IBANGA LESI 9**

**EYENKANGA 2016**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3**

**AMANQAKU: 30**

**IXESHA: 1½ iyure**



---

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamacandelo amaBINI.  
ICANDELO A: IZINCOKO: (20)  
ICANDELO B: IITEKISI ZONXIBELELWANO: (10)
2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwicandelo ngaLINYE.
3. Bhala ngokucocekileyo.
4. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.
7. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzise isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko, uhlele. Qala ngoyilo PHAMBI phambi kokuba ubhale isincoko nomhlathi.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Ubude besincoko sakho mabube phakathi kwamagama angama-250–300.

- 1.1 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esibalisayo esinesihloko esifanelekileyo. (lingcinga zakho mazikhokhelwe kokubonayo emfanekisweni).

**[20]****OKANYE**

- 1.2 Bhala isincoko esichazayo ngalo mfanekiso ungezantsi:

**QAPHELA:** Yamanisa izimvo zakho ngako konke okubonayo ucaphula kulwazi onalo okanye olufumeneyo kwezinye izifundo. (Indalo oyibonayo yithathe ngokombala wayo wendalo. Umzekelo: Uhlaza olubonayo luthathe ngokuba luluhlaza.)

**[20]****OKANYE**

- 1.3 Bhala isincoko esixoxayo malunga nesi sincoko “Ukuphela komthandazo ezikolweni kuba kuhlonitshwa inkolo yomntu nomntu kwandise ubudlobongela nokungakwazi ukuziphatha kwabantwana ezikolweni.” [20]

**OKANYE**

- 1.4 Bhala isincoko esicamngcayo ngesi sihloko silandelayo:  
“Iziyobisi zilugqibile ulutsha, luphelela ezithaveni nakwantshabalalo.”  
Dandalazisa uluvo lwakho ngalo bhubhane ugqib’ikamva lelizwe lethu. [20]

**AMANQAKU ECANDELO A: 20**

**ICANDELO B: IITEKISI ZONXIBELELWANO****UMBUZO 2**

Phendula umbuzo ubem**NYE** kuphela kweli candelo. Bhala kwamagama ali-160–180.

**2.1 I-OBHITSHUWARI**

Uceliwe likhaya lakwaManci ukuba ubhale i-obhitshuwari eza kufundwa kwinkonzo yomngcwabo womhlobo wakho. [10]

**OKANYE****2.2 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kwenqununu nomzali wontwana, mntwana lowo owenza ibanga le-9 oxhomise utitshalakazi ngesikhali ngexesha lesifundo eklasini. [10]

**OKANYE****2.3 UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe phakathi komfundi owenza ibanga le-9 notitshala ophume izandla kwizibalo. [10]

**2.4 INCWADI YESICELO (ILETA)**

Bhalela inqununu yesikolo ofuna ukufunda kuso ucele indawo yokufunda ibanga leshumi. Zichaze, uzithengise kangangoko uzakuzelela ukuba asive icelo sakho ukuze ubengomnye wabafundi abaza kuchongelwa ukungenelela udliwano-ndlebe khon'ukuze uthathwe. [10]

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

**AMANQAKU EWONKE: 30**

